# UMpuku yeLali noMpuku yeDolophu

Ibhalwe nguJacqui L'Ange | Imizobo nguPatrick Latimer



UMpuku yeLali weza edolophini eze kufumana izipeks ezintsha. UMpuku yeDolophu wamkhawulela esititshini.

"Wamkelekile, mzala," watsho.

"Kwakuhle ukukubona," watsho uMpuku yeLali nangona wayengaboni kakuhle konke konke. Waphakamisa amehlo kodwa isibhakabhaka sasisithele ngaphaya kwezakhiwo ezingwevu.

UMpuku yeLali wanxiba izipeks zakhe. "Iyephi yonke imithi?" wabuza.

"Ngubani odinga imithi?" watsho uMpuku yeDolophu. "Izakhiwo eziphakamileyo zinde nangakumbi!"

UMpuku yeLali wakhohlela. "Ndifuna ukugoduka."

"Akukho kwanto yenzekayo nje ezilalini," watsho uMpuku yeDolophu. "Awukhe udikwe yila ndawo?"

UMpuku yeLali wahleka. "Yiza uzozibonela!"



Into yokuqala uMpuku yeDolophu awayiqaphelayo yinzolo.

UMpuku yeLali wayehlala kwisikhondo somthi omkhulu, phantsi kwesibhakabhaka esibanzi esizuba. “Phulaphula,” watsho.

Weva ukurhwashaza nokubhubhuza nokrwe-krwe-krwe.

“Iintaka zabelana nathi ngamaqunube,” watsho uMpuku yeLali. “Neenyosi zabelana nathi ngobusi. Ubomi bumnandi!”

Kwavela isinambuzane esikhazimlayo esingqukuva siqengqa ibhola phambi kwaso ngemilenze yaso enameva.

“UNkubabulongwe ugcina izinto zicocekile.”

“UNgqawa yena wenza ntoni?”

“Uyasitya,” watsho uMpuku yeLali. “Baleka!”

Oko kwaba kwanele kuMpuku yeDolophu. “Kungcono ndiphephe iimoto kunekati yasendle eyoyikekayo!”

UMpuku yeLali wahlala kwikhaya lakhe eliselalini, apho wayonwabele ukuba seluxolweni nenzolo khona. Kanye emva kwexesha elide, wayedla ngokuya edolophini ayokwenza ubuntwana-ntwanana. Kodwa xa esiya khona, wayeqinisekisa ukuba uMpuku yeDolophu ubakhona ukuze amkhusele.

UMpuku yeDolophu yena wabuyela kwifleti yakhe esedolophini. Xa ingxolo imongamela, naye buqu, wayehamba ayohlala nomzala wakhe aziphe iholide. Kubonakala ngathi sithanda iindawo esizazi ncakasana.

Wena uthanda ntoni ngendawo ohlala kuyo?



# UMpuku yeLali noMpuku yeDolophu

Ibhalwe nguJacqui L'Ange • Imizobo nguPatrick Latimer

## Izimvo eninokuthetha ngazo

Unabo abazala? Uhlala phi?

Ingaba ungathanda ukuhlala emaphandleni okanye esixekweni? Ngoba? Zohluke kanjani iimeko zokuphila zasezilalini nezasezixekweni?

## Umfanekiso

Uhlala phi? Zoba umfanekiso wekhaya lakho kunye neendawo ezilijikelezileyo.

## Ukufunda

Jonga ngononophelo kumfanekiso welali. Wufunde kwakhona umbhalo okula maphepha uze ufumane izinto ezizezikaTrevor noLuke emfanekisweni.

## Ukubhala

Ingaba ikhaya lakho yindawo yakho oyithandayo? Okanye yenye indawo eyenye? Bhala uluhlu lwezizathu ezenza ukhethe indawo yakho oyithandayo.

## Ubuchule

Sebenzisa ibhokisi yekhadibhodi ebubukhulu obuphakathi ukwenza ikhaya lempuku. Sebenzisa iibhokisi ezincinci (njengeebhokisi zematshisi), iziciko zeebhotile kunye nenye imathiriyeli ebisetyenzisiwe kodwa yalungiswa ukuze isetyenziswe kwakhona ukwenza ifanitshala elingene indlu yempuku. Ungayihombisa ngeziqwenga zamalaphu okanye iphepha elimibalabala ifanitshala. Okokugqibela, sebenzisa udongwe lokudlala okanye udongwe ukwenza iimpuku eziza kuhlala endlini.

## Ukwenza

Libalise kwakhona ibali usebenzisa abalinganiswa bakho kwindawo yeMpuku yeLali noMpuku yeDolophu.